ISISHWANKATHELO SESICWANGCISO SEZOTHUTHO NGOKUBANZI ESIHLANGENEYO SESIXEKO SASEKAPA SANGO-2017 UKUYA NGO-2022

Yinjongo yeSixeko ukwakha ngakumbi isixeko esibandakanyayo, esihlangeneyo nesiluqilima apho sithi silungise imithetho yangaphambili engocalu-calulo lweentlanga, silungise ukungalingani okukhoyo kunikezelo lophuhliso lweendawo zokuhlala ezahlukeneyo, kwakhona kungadalwa ukungalingani okutsha kwendlela ezingonikezelo lweenkonzo. Sithi sithathe ezothutho njengomqhubi ophambili ekulungiseni ubume obububo bezamabala baseKapa kwaye sijolise ekufezekiseni inguqu kezamabala ngokuthi sisebenzise uphuhliso olujoliswe kwezothutho (TOD) nokungunganiswa kwezakhiwo okunxulumene noko.

ISicwangciso esiluYilo sezoThutho ngokuBanzi esiHlangeneyo, sango-2017 ukuya ngo-2022 (CITP), siscwangciso esitsha ngokusemthethweni, esiqulunqwe ngokwecandelo-36 (1) loMthetho weSizwe ongezoThutho ezihamba eMhlabeni ongunomb.5 wango-2009. Isicwangciso sithi singqinelane nexesha elitsha lokusebenza kwe-IDP yango-2017 ukuya ngo-2022, kwaye ithi ihlangane neSakheko esiphengululilweyo soPhuhliso lomhlaba ongamaBala sikaMasipala.

Umxholo nesakheko se-CITP uthi ukhokelwe yiGazethi yasebuRhulumenteni engunomb.40174 yowama-29 kweyeKhala 2016 apho sithi sivakalise "Umlinganiselo ofunekayo ngokumalunga namaLungiselelelo eziCwangciso eziHlangeneyo zezoThutho".

Isicwangciso esiBanzi sezoThutho ngokuHlangeneyo (CITP) sithi sinike iSixeko saseKapa (uGunyaziwe ongezoThutho, uGunyaziwe ongezoThutho noPhuhliso lweDolophu waseKapa (TDA), igunya laso elijoliswe kuthungelwano lwezothutho nayo yonke into ethi ihambelane nalo.

Kwesi Sicwangciso sitsha se-CITP, iSixeko saseKapa sithi siqulunqe indlela apho siyakuthi inkqubela siyandise ngayo, ethe sayenza ekunikezeleni ngendlela yezothutho eKapa ehlangeneyo, ezintlobo ngeentlobo zothutho nohlobo olutshintshiselanayo ngokwezixhobo. Ukuthathelwa kwengqalelo kwecandelo ngalinye:

- *Ehlangeneyo*: Unikezelo lweSixeko lezothutho oluhlangeneyo lubhekiselele kwiSicwangciso saso sezoThungelwano lwezoThutho loLuntu ngokuHlangeneyo sango-2032 . "Uhlangeneyo" ke ngoko, akufunekanga nje usuke uphelele/ujoliswe kuphela kwezothutho kodwa kufuneka kwakhona uthethe ukuhlanganiswa kwezothutho kunye nokusetyenziswa komhlaba. NgokweSixeko, oku kuthetha ukusetyenziswa kophuhliso olujoliswe kwezothutho (TOD) ukuze kufezekiswe inguqu kumabala kubuqu beKapa kunye nakwakhiwa koluntu lasekuhlaleni oluluqilima.

- *Ezothutho oluzintlobo ngeentlobo*: Alunakho ukunikezelwa liKapa ezothutho oluzintlobo ngeentlobo ngaphandle kokuba yonke imisebenzi neentlobo zothutho ziphantsi kwemida yolawulo lukagunyaziwe omnye. Ukuza kuthi ga ngoku, iSixeko siqhubekeka ngokusebenzisa imisebenzi kaGunyaziwe ongeKhontrakthi nemisebenzi yeQumrhu leGunya likaMasipala (MRE), ngokulandelelana. Kwakhona iSixeko siyakwamkela ukuba nangona ezothutho lukaloliwe "lulelona lungundoqo" kwinkqubo yaso yezothutho, kodwa ke ngokunje lusengxakini. ISixeko ke ngoko sithathela ingqalelo indlela esiyakuthi sijongane ngayo nale ngxaki eKapa.

- *Uhlobo olutshintshiselanayo ngokwezixhobo*: Ukuze kufezekiswe inkqubo eluhlobo olutshintshiselanayo ngezixhobo (apho inkqubo yezothutho ethile enakho ukusebenza kunye nenye kungakhange kwenziwe iinzame ezizodwa ngokujoliswe kubakhweli), iSixeko siyakuthi sibenakho ukuqhuba umsebenzi othe xhaxhe ngokumalunga nokunikezelwa kwamatikiti namaxesha okuhamba kwezithuthi ngokuhlangeneyo.

Indlela ethile iSixeko esijolise kuyo kwezothutho oluhlangeneyo kukuba simisele iintlobo ngeentlobo ezingezothutho. Iintlobo eziphambili zezenkonzo kaloliwe, uhlobo oluthile lweebhasi ezihamba ngokukhawuleza (BRT), iinkonzo zebhasi ezisemgangathweni (ethi ibeziinkonzo zebhasi zenguqulelo ezomelezwe ziimpawu zempucuko nokuhlanganiswa kuthungelwano ngokubanzi nala lisebenza ngokumandla kwezothutho oluxubeneyo) nakwiiteksi ezizikhumbi ezincinane. Ezi ntlobo zothutho ziyakuthi kunye zenze inxal'enye yesisombululo sezothutho oluhlangeneyo apho luyakuthi lumiselwe ngokuphuculwa kobonelelo lwe-NMT nobuchwepheshe obutsha bekhompyutha neeteknoloji ezinxulumene noko kwiinkulungwane ezizayo kwaye kuyakuba ngumphumela "wesizukulwana esitsha" kunikezelo lwenkonzo.

Indlela ethile yeSixeko ngokujoliswe kuPhuhliso olujoliswe kwezoThutho (TOD)

Ezothutho oluhlangeneyo kwakhona kufuneka luphengululwe ngokuthi kusetyenziswe imbono ethe xhaxhe (ebanzi) apho indlela iSixeko esiyakuthi sijolise kuyo ukusebenzisa ezothutho ukuze kutshintshwe isimo samabala kwiKapa ubuqu kunye nokwakha uluntu lwasekuhlaleni oluluqilima. Oku kuthetha ukuba iSixeko asijolisanga kuphela ekufezekiseni ezothutho oluhlanganisiweyo. Endaweni yoko ikuthatha ezothutho njengomqhubi ophambili ekulungisweni kwemeko ekukuyo yamabala aseKapa, kunye nayo yonke imibandela eyimiqobo yedolophu nokungalingani ngokwentlalo.

ISixeko siyakwamkela ukuba i-TOD ingasebenza kwiKapa hayi nje ngohlobo lwezinye izixeko ezilusebenzise ngalo apho zijolise nje kwimibandela yezohlomo kwezoqoqosho nezothutho olufanelekileyo kodwa ngakumbi kwakhona lusetyenziswe ukuba ludale inguqu kwezamabala kwaye zakhe uluntu lasekuhlaleni oluluqilima. Ngale ndlela kuyakuthi kufezekiswe inyathelo lotshintsho ngokuthi kucwangciswe uphuhliso olufanelekileyo kwiindawo ezifanelekileyo, kunye neendlela ezinkulu nakwiikhorido zikaloliwe eKapa. Le ndlela ethile, ethi ikhatshwe ngokuthi kujoliswe kwezothutho loluntu (PT) nakwezothutho apho ezingadumiyo (ezingahambi ngokwe-enjini) (NMT), kuyakuthi kucuthe amaxesha okuhamba neendleko, kunye nonikezelo lweenzuzo ezibalulekileyo ezingokusingqongileyo. Ke ngoko le-CITP ithi iqulunqe izicwangciso zeSixeko ngokumbaxa kodwa kwizicwangciso ezinakho ukufezekiswa ngokujoliswe kwezothutho kwinkalo yaso ngokubanzi engeyalapho sijolise khona ukuze kudalwe uluntu olulinganayo ngokubhekiselele kuluntu oluhlangeneyo, uquko/ubandakanyo kwezoqoqosho nokufikeleleka kumathuba eKapa.

Ukuze kuzalisekiswe eli nqanaba le-TOD eKapa, kufuneka iSixeko liliqhube ngokomabini amanqanaba eleleziko naleseburhulumenteni. Ngenza yoko iye yandisa imisebenzi yayo kuGunyaziwe wezoThutho, eyezoThutho eKapa (TCT), kuquka lonke uphuhliso lwedolophu (ucwangciso lwedolophu, ezokuhlaliswa koluntu nobuqilima bedolophu) kunye ngokungqinelanayo nezothutho oluhlangeneyo.

Indlela ethile yeSixeko ejoliswe kwinkonzo kaloliwe

Inkqubo engezothutho eKapa ubukhulu becala ixhomekeke kwinkonzo kaloliwe njengentsika yayo kodwa ukuhla okuxhalabisayo komgangatho wenkonzo le kuye kwanyanzelisa abakhweli abaninzi bazibone bekuthungelwano lwezohambo ezindleleni, apho kuye kwakhokelela ingxinano ngamaxesha kaxakeka. ISixeko kungokunje sithathela ingqalelo izicwangciso-buchule ezahlukeneyo ukuze kulungiswe le meko imaxongo.

ISixeko asinakho ukunikezela ngenkonzo yezothutho ehlangeneyo, eziintlobo ngeentlobo netshintshiselanayo ngokwezixhobo ngaphandle kwecandelo lenkonzo kaloliwe esebenza ngendlela efanelekileyo. Kwakhona, inkonzo kaloliwe asiyontsika nje yenkqubo yezothutho kodwa ikwayindlela ethile engemabala yeKapa. Ke ngoko ukuqiniswa/ukomelezwa nokungunganiswa kolwakhiwo lokusetyenziswa komhlaba kwiikhorido zikaloliwe kwakhona ziyinxal'enye yesicwangcis-buchule se-TOD yeSixeko. Kwimpendulo yoku, iSixeko siqulunqa indlela ethile ukuze sifumane oko kufaneleke ukuba kwenziwe ukusombulula ezi ngxaki zenkonzo kaloliwe.

Izimo ezingafanelekanga zezothutho eKapa

Le CITP iye yalungiselelwa ngexesha apho iSixeko sijongene nemingeni emininzi kuzo zombini indlela – engezothutho nengomhlaba ongamabala eSixeko. Ithi iqhubekekise phambili inkqubela eyenziwe yi-TCT kwaye ithi imisele injongo yaso engezothutho, imbono nezicwangciso-buchule zexesha elide ukuba kusetyenziswe le CITP njengomqhubi wotshintsho ukuze kulungiswe le mingeni ngokungqalileyo. I-CITP ithi yamkele iimeko ezimaxongo/ezingafanelekanga eziphambili ezintathu ezingezothutho eKapa apho ekufuneka zilungisiwe ukuze kube la mathuba ayafezekiswa:

- Ukuwohloka kwenkonzo kaloliwe eKapa, apho ithi ibengumphumela wokuhla ngokumandla kokusetyenziswa kwayo nokwanda kokusetyenziswa kwezithuthi zendlela
- Ukunyuka okungangqalanga kwendleko zezothutho olujoliswe kubanikazi-khaya abanemivuzo esezantsi njengoko kuye kwadandalaziswa siSikhokelo soPhuhliso sezoThutho seSixeko
- Ukukhula okungahlangananga okuphakathi kwezothutho nokusetyenziswa komhlaba eKapa

Isiphakamiso esingamangenelelo se-TDA

Le CITP ithi igqithise iziphakamiso ze-TDA ukuze kulungiswe ezi meko zimaxongo namathuba ngokuthi kusetyenziswe amangenelelo afunekayo ukufezekisa iMbono yezoThutho eHlangeneyo ye-TDA nesiphakamiso sokumiselwa kwe-TOD ngokusetyenziswa kwemigaqo-nkqubo neenkqubo ngokujoliswe kwezothutho loluntu, ukuqaliswa kwenkqubo engezothutho loluntu, izakhekho ezingundoqo, ulawulo lwemfuneko yezohambo, ezothutho olungadumiyo/ezingasebenzisi i-enjini, ukuhanjiswa kwemithwalo ngolwandle namanye amangenelelo anxulumene nezothutho. Kwakhona kolu xwebhu kunikezelwe isishwankathelo soluhlu lweziphakamiso neenkqubo apho ezifikelelekayo ngokwezimali nangokweendleko.